

# Ingaba ukhona na umntu ofana nam nqwa?



Kazi ukhona na omnye umntu ondim nqwa kwenye indawo apha ehlabathini.



Mhlawumbi de abeneenwele ezifana ncamnezi zam.



Ofana nqwa nam ngenkangeleko ...



... nothetha njengam lo kanye.



Umntu onamehlo kunye neendlebe ezifana nezam nqwa.



Ode ahleke njengam lo kanye.



Okwaziyo ukwenza izinto endenzayo ...




... nongakwaziyo ukwenza izinto endingakwaziyo nam ukuzenza.



Ndibhucqe, ndikhangela omnye umntu ondim kuyo yonke indawo.

Ndiye epakini ndajonga, ngaphaya kwemithi.



... ndijonga ubuso ngabunye endihlangana nabo.




Andikwazanga kufumana nomnye umntu ondim kuyonayiphinaenye indawo.



Ndim kuphela ondim ehlabathini! Ndikhethekile, owu ngenene oko kuyinyaniso!



Kodwa ayindim nje kuphela, wena awuziboni? Nawe unguwe wedwa qwaba, jwi!





## Birds Fly Ukubhabha kweentaka Voëls vlieg

Bhambisa iingalo zakho ubize "intaka ziyabhabha" okanye "iinyosi ziyabhabha" okanye nantoni na enye ebhambayo. Umntwana wakho ufanele enze intshukumo ebhambayo xa into leyo ibhabha. Zama ukusebenzisa izinto ezinyi izinto ezingabhabhayo, umzekelo, "iikati ziyabhabha" (kufuneka bame).

Flap your arms and call out "birds fly" or "bees fly" or anything else that flies. Your child should copy the flying motion if that thing flies. Try using things that don't fly, for example, "cats fly" (they should stand still).

Flap jou arms en roep uit "voëls vlieg" of "bye vlieg" of enigiets anders wat vlieg. Jou kind moet die vliegbeweging kopieer as jou bewegings doen as die dier wat jy uitroep het, vlieg. Probeer om die name uit te roep van dinge wat nie vlieg nie, byvoorbeeld, "katte eg" (dan moet hulle stilstand).



## Aim and shoot Injongo kunye nokudubula Mik en skiet

Need to find a table or flat stool which you turn upside down  
Length of elastic which is tied to front legs  
Line up empty plastic bottles  
Try to shoot them over with either a light ball or pingpong ball.

Kufuneka ufumane itafile okanye isitulo usiguqule sijonge phezulu  
Fumana iElastiki uyibophelele kwimilenze yangaphambili  
Beka iibhotile zeplastiki ezingenanto  
Zama ukuphosa ngaphezulu ngebhola ekhaphukhaphu okanye ibhola ye-pingpong.

Jy moet 'n tafel of plat stoel kry wat jy onderstebo kan draai  
Die lengte van die rek wat aan die voerpote vasgemaak is  
Sit lêë plastiekbottels in 'n ry  
Probeer om hulle met 'n ligte bal of 'n pingpong-bal om te skiet

